



Unonophelo ngexesha le CORONA



## Iphephamibuzo lokulungela ukuqalisa iinkonzo leenkokeli zeenkonzonzo ne-Covid Task Team (iQela lokuSebenza leKhovidi):

### Sekulungele ukuba sivulele ibandla likhonze ecaweni?

**EWE** **HAYI**

Ninalo le-Covid Task Team?

 

Ngaba i-Covid Task Team yenu seyikhe yathabatha inxaxheba kwindibano yocweyo yoqeqesho ngeKhovidi 19?

 

*Qaphelani\* Uqeqesho kufuneka lusetyenziselwe ukunikezela ngeenkcukacha ezintsha ezimalunga noKhuseleko nococeko nangemigaqo karhulumente yeKhovidi 19 emitsha.*

Ninaso isicwangciso sokufanele ukwenziwa xa kunokuthi kwibandla lenu kubekho umntu ofunyaniswa luhlolo enayo iKhovidi 19?

 

Ninayo ngokwaneleyo isepha, amanzi okanye izicoci ze-sanitiser zezandla (ezine-70% yealkhoholi) kangankuba umrhamente weli bandla ngamnye angakwazi ukuzisebenzisa ekucoceni izandla xa engena naxa ephuma enkonzweni?

 

Amagumbi angasese enu anazo ngokwaneleyo imigqomo yenkunkuma enezivalo, amaphepha okusula izandla athambileyo, nesepha namanzi ngokwanele onke amarhamente?

 

Niya kuba nayo ngokwaneleyo impepho engenayo kwisakhiwo engenela kuso inkonzo, oko kukuthi, iifestile neengcango ezivuliweyo neziphozisi zombane, iifeni?

 

Ningakwazi ukuqinisekisa ngoqelelwano lweemitha ezimbini (2) phakathi kwamarhamente macala , kwesi sakhiwo niza kuyiqhubela kuso inkonzo yenu?

 

Ninazo ngokwaneleyo izixhobo zokhuselo ezinokwanela bonke abasebenzi abacocayo, oko kukuthi, iimaski, izicoci zee-sanitiser zezandla/isepha namanzi?

 

Ninazo ngokwaneleyo izinto zokucoca ezinealkhoholi okanye iblitshi zokusula yonke imiphezulu nemiphandle yezinto kule ndawo nikhonzela kuyo phambi nasemva kwenkonzo phofu?

 

Ninaso phofu isicwangciso esicacileyo sendlela yokuqingqa amanani amarhamente ngenkonzo nganye?

 

Ninayo irejista yabezileyo enkonzweni ngenkonzo nganye?

*\*Irejista kufuneka ibandakanye amagama awo onke amarhamente ezileyo enkonzweni kwakunye neenkcukacha zoqhagamshelwano zawo.*

 

Ukuba ngaba impendulo yakho nguHayi kuyo nayiphi na le mibuzo, siphakamisa ngqongqo ukuba ningavuli icawa nide nikwazi ukuyithobela yonke imigaqo. Cingani bhetele ngokusebenzisa iinkonzo ngeintanethi, ngeZoom, ngeWhatsApp okanye ngeYouTube.